Zivuliwe izikolo emva kwekhefu elide, uZuko ufunda ibanga lesithathu kwisikolo samabanga aphantsi iDlova eMonti.

Uyoyika ukuya esikolweni kuba uthi wazi abantwana abathathu afunda nabo abebegula ngulo bhubhane.



Uthe xa ecela kumama wakhe ukuba angaphindeli esikolweni kuba woyika ukufa, wala unina esithi akanamntwana ongazufunda yena.

Wazigulisa uZuko ngoMvulo esithi uhlaselwe sisisu, wathi umama wakhe makaye esikolweni noxa kunjalo.

Waba ngapena-pena uZuko ezikhalisa, tu ukuvuma umama wakhe ukuba alale.

Wavuka ngomkhulu umsindo uZuko wangena egumbini lokuhlamba, walungiselela ukuya esikolweni.

Waqubula ingxowa yakhe yeencwadi, wanxiba imasiki yakhe, wangena endleleni equmbe esisifu.

Uthe xa efika esikolweni waqaphela ukuba indlela yokwenza izinto itshintshile, wafika wema emgceni ngaphandle kwesango lokungena.



Ubuzile kwabanye abantwana ukuba kuqhubeka ntoni, bamxelela ukuba bajongwa isimo sobushushu babuzwe nokuba abakhohleli kusini na.

Lafika ithuba lakhe lokuhlolwa, utitshalakazi wamgalela isibulali-ntsholongwane ezandleni, wabuza ukuba akakhohleli na waza wathi makangene ngaphakathi aye egumbini lakhe lokufundela.

Nalapho wafika kungaqhelekanga abafundi behleli beqelelene ngomgama ongangemitha enesiqingatha, yaye bonke abafundi benxibe iimasiki njengaye.

Kuthe kusenjalo, utitshala wachaza izicwangciso ngendlela ekuza kuqhutywa ngayo ngokwezifundo nangezinto emazenziwe ngexesha lokutya nelokudlala.

Lwaphela olo suku, wagoduka engonwabanga luloyiko ecinga ngokufa kwakhe esajonge lukhulu ngempilo yakhe.

Wafika wamchazela inyani umama wakhe ngoloyiko lwakhe malunga nokuya esikolweni.

Wanyamezela kodwa esiya esikolweni esoyika enjalo.

Kuthe kusenjalo, kwaphuma umpoposho wokuvalwa kwezikolo kwakhona ngenxa yokugula kunye nokubhubha kweetitshala, loo nto yenziwa ngenxa yokoyikisela ukosulela abantwana.

Zavalwa ixeshana elifutshane kuba kusithiwa zizakucocwa ngamachiza abulala iintsholongwane.

Loo nto yadala uloyiko olukhulu ebantwaneni nakwabanye ootitshala.

Kuthe kusenjalo, kwathiwa ootitshala abaneminyaka engamashumi



amathandathu nangaphezulu mabasebenzele emakhaya.

Basweleka abantu ekuhlaleni lwanda uloyiko, abathe bosuleleka babezigcina kumagumbi awodwa iintsuku ezilishumi elinesine.

Zamana zipapashwa kumabonakude nakwamanye amakhasi onxibelelwano iziphumo zamanani abantu abosulelekileyo, abathe bayoyisa intsholongwane, nabathe basweleka.

Woyika nokuphuma phandle ngoku uZuko ezibona naye echaphazelekile. Yaba mininzi imipoposho eyenziwa nguMongameli ngesi simo.

Yonke ke le meko idale unxunguphalo elizweni lonke.

Wavakala ekhala uZuko ngenye imini evela esikolweni, waxelela umama wakhe ukuba uza kuya esikolweni ngeentsuku ezithile ngoku.



Kaloku uthi utitshala kufuneka sithobele la mthetho wokuqelelana ukuze singosulelani ngentsholongwane.

Wavakala esithi, “Yhu! mama andiqondi ukuba ndiza kupasa kulo nyaka ngoku besendizixelele ukuba kulo nyaka uzayo ndiza kufunda ibanga lesine. Yhu! hayi esisifo singapheliyo.”

Wahlala phantsi naye umama wakhe, wamchazela ukuba yonke into inexesha layo masilinde Zuko, de sibone ukuba kuza kuthiwani esikolweni.

Laphela ithemba lemfundo kuZuko esemncinci.





Zavulwa zivalwa izikolo ngenxa yezizathu ngezizathu.

Ngamanye amaxesha bahlale inyanga okanye iinyanga ezimbini bengayi esikolweni. Lwaye lukhula uvalo kubafundi bonke ngenxa yale meko.

Wavakala omnye umzali esithi, “le meko idinga imithandazo kuba kuya kubanzima ngendlela izinto ezenzeka ngayo.”

Wabakhuthaza utitshala esithi, “konke kuyedlula masihlale ethembeni, abantwana mabazimisele ezifundweni zabo esikolweni nasemakhaya.”

Silindele ukuba uphele lo nyaka sizokubona ukuba kuza kubanjani kunyaka ozayo.

Yimbali engasoze ilibaleke kumntu wonke le.

Inene sisazakubalisela abantwana abakhulayo ngalobhubhane owenza ukuba izikolo zivalwe, ilizwe lonke libe phantsi konxunguphalo.

Inye into endenza ixhala ngoku, le yokutshiswa kwezikolo, andazi nokuba esethu sizakusinda na.

Ngelo xesha utitshalakazi usanda kusibuza sifuna ukuba zintoni xa sesibadala.

Ndimxelele ukuba ndifuna ukuba ngugqirha wezilwanyana kuba ndiyazithanda.



Abanye abantwana abasafuni nokuphindela ezikolweni ngoku, kazi baza kuwafezekisa njani amaphupha abo xa bengafundi.

Zathi xa ziphinda zivulwa izikolo emva kwethuba zivaliwe, abazali babizelwa entlanganisweni ukunika

umkhombandlela malunga nenkqubo eza kulandelwa sisikolo.

Utitshala omkhulu wabachazela abazali ukuba ootitshala ebebechaphazelekile basoyisile isifo, baphile qethe.

Abazali bangabi naxhala kuba zikhona izikhuseli zootitshala nabantwana esikolweni.

Baxelelwa ukuba naxa bedlala abantwana baza kugcina umgama oqingqiweyo.

Ooititshala nabo bagcina umgama oqingqiweyo xa behleli egumbini labo lokuphumla ukunqanda ukosulelana.

Yiva xa bebaliselana ngezinto ezenziwa ngabantwana kumagumbi okufundela bephazamisa izifundo ngokuxelana.

Ndithe ndiphakathi nesifundo uMcebisi wakhwaza esithi, "titshalakazi uMbuyiselo uyakhohlela engasibekanga isandla emlonyeni."

Ndingekaphenduli njalo nanko uNomonde edanduluka, “Titshalakazi uLudwe akazigqumanga ngemasiki yaye uthimla okokoko.”

Kuye kwafuneka nditshintshe isifundo ndifundise ngobungozi bokungavali umlomo ngengqiniba xa ukhohlela, nokunganxibi imasiki.



Liyanda ixhala kuZuko, akalali ebusuku ngamaphupha amoyikisayo ngenxa yalo bhubhane.


Umama wakhe naye akonwabanga ukubona usana lwakhe lujijitheka luloyiko.

Uyazama utitshala omkhulu wesikolo ukuthomalalisa umoya wokungathembani kubantwana nakootitshala.

UZuko wacela umama wakhe ukuba amncedise ukubhala umbongo awavuka ewucinga.

Bawubhala lombongo iintsuku eziliqela bade bawugqiba.

Wawuthatha uZuko umbongo wakhe wawusa esikolweni, wacela utitshala wakhe ukuba awufunde.



# NDIYOYIKA!

Ndiyoyika,
Umama wam naye uyoyika,
Utata wam uyoyika
Notitshala wam ngokunjalo,
Awoyiki wena?







Sivile ngalo bhubhane kunomathotholo
Sibonile kananjalo kumabonakude
Sifundile nakumaphephandaba
Siyabeva nabantu bethetha ngawo ekuhlaleni
Lo! ngubhubhane, yaye ndiyoyika.







Ndiyoyika ukuya kutyelela izihlobo zam,
Ndiyoyika ukudlala nabahlobo bam,
Ndoyika ukuya esikolweni,
Ndoyika nokuya edolophini,
Inene ndiyoyika.





Ndiyoyika ukulwela inkululeko yam
Ndoyika nokuphalaza izimvo zam
Andikwazi nokubukela imidlalo endiyithandayo
Yonke indalo iphantsi konxunguphalo
Yiyo loonto endenza ndibenoloyiko olungaka






Lo bhubhane undohluthe ukonwaba
Lo mbulalazwe wohluthe amalungelo am
Lo mkhuhlane uthabathe ubomi bezihlobo zam
Ukwathabathe nobomi babazali nezizalwane
Lo nto indenze ndoyikisela obam ubomi

Ndiyazihlamba izandla zam ngamanzi nesepha
Ndiyazisebenzisa izithinteli-zintsholongwane
Ndiyazigquma ngemasiki yam
Kodwa ndisawoyika lombulalazwe we-Covid-19
Hamba Covid-19, hamba! Ndifuna inkululeko yam







Ndinqwenela ubomi bam besiqhelo
Ndithandazela ukukhululwa kwethu bantwana
Kolu loyiko nokungathembani okungaka.
Ndibulela uYehova ngokuba esandisindisile
Ndiyoyika! Ndiyoyika! Ndiyoyika..........!



Kuyo yonke le meko
Sinalo ithemba lokuba
Lizakubakho ichiza elizakusinceda
Aphele lo bhubhane
Sonwabe kwakhona.



